


Yiyiphi Inyaniso Ngokuphathelele UThixo? —Inxalenye 1

Isekelwe kwisahluko 1 sencwadi ethi, *Yintoni Ngokwenene Efundiswa YiBhayibhile?* efumanekayo ku-www.jw.org/xh.

INJONGO: Ukuhlolisisa oko ukukholelwayo, isizathu sokuba ukukholelwe, ukuhlola oko iBhayibhile ikutshoyo nokubona ukuba ungazicacisa njani iinkolelo zakho kwabanye.



NGABA UTHIXO UYAKHATHALA XA EBONA SIPHILA KABUHLUNGU?

1 HLOLA IINKOLELO ZAKHO

Ucinga ukuba bangathini abanye abantu?

.....

.....

Yintoni *wena* oyikholelwayo?

.....

.....

Kutheni uyikholelwa loo nto?

.....

.....

UTHIXO akaze abangele izinto ezimbi ukuba zisehlele, kodwa uyazivumela ukuba zenzeke.

(Funda isahluko 1 sencwadi ethi, *Okufundiswa YiBhayibhile* isiqendu 6-8.)

Funda uYakobi 1:13

Esi sibhalo siyibonisa njani into yokuba uThixo akanguye unobangela wezinto ezimbi?

.....

.....

.....

Ungawuzekelisa njani umahluko phakathi *kokuyivumela nokuyibangela* into yenzeke?

.....

.....

.....



Njengotata ononyana ovukelayo, uYehova uyabavumela abantu bazikhethele—kodwa akanguye unobangela weengxaki ezibangelwe yimvukelo yabo

UTHIXO usikhathalele, ibe akathandi ukusibona siphila kabuhlungu.

(Funda isahluko 1 sencwadi ethi, *Okufundiswa YiBhayibhile* isiqendu 11-13.)

Funda iGenesis 6:5, 6.

Intliziyo kaYehova “yaba buhlungu” xa umhlaba wawuzaliswe ngabantu ababesenza okubi. Sazi njani ukuba usavakalelwa ngolo hlobo nanamhlanje? (INTLUVA: Funda uMalaki 3:6.)

.....

.....

.....

Funda eyoku-1 kaPetros 5:7.

Ucinga ukuba siyintoni isizathu sokuba uYehova esimema ukuba sithandaze ngeengxaki zethu?

.....

.....

.....

Funda iGenesis 1:26; neyoku-1 kaYohane 4:8.

Ukuba *siyakhathazeka* xa sibona abantu bephila kabuhlungu, kutheni sinokuqiniseka ukuba *noYehova* uyakhathazeka?

.....

.....

.....

Sikwenza uzive njani isibakala sokuba uThixo engenguye unobangela weengxaki zethu, esikhathalele ibe engathandi ukusibona siphila kabuhlungu?

.....

.....

.....

UKUBA UMNTU UTHI . . .

UTHixo uyabohlwaya abantu abenza izinto ezimbi ngokubenza baphile kabuhlungu.

USENOKUTHI . . .

“Zininzi iicawa ezifundisa oko. Kodwa mna andikukholelwa oko kuba . . .”

.....

.....

Nguwuphi umbhalo onokumfundela wona?

.....

Kutheni uwuthanda nje lo mbhalo?

.....

UKUBA UMNTU UTHI . . .

Makhulu gqitha amandla kaThixo, ukuba nyhani ebesikhathalele, ngezithintela izinto ezimbi ukuba zingasehleli.

USENOKUTHI . . .

“Ewe ndiyavuma ukuba makhulu amandla kaThixo, kodwa ndiqinisekile ukuba usikhathalele kuba . . .”

.....

.....

Nguwuphi umbhalo onokumfundela wona?

.....

Kutheni uwuthanda nje lo mbhalo?

.....